ICAWE YOKUTHUNYWA INCWADI YOKWALUSA 2017

Bazwalane noDade abathandekayo kuKristu

Ndikubiza ngegama lakho, itsho iNkosi kuthi kwisifundo sokuqala sanamhlanje esithatyathwe kwincwadi yomprofeti uIsaya. INkosi isibiza ngegama, hayi ukuncokola nje kodwa ukusithuma. Khumbula iculo elithi, Sothuma bani ngubani oyosiyela? Nalo lifumaneka ku u Isaya. Ingaba ukulungele na ukuphendula ebomini njengaseculweni:Ndim lona Nkosi thuma mna?

IGospile, iindaba ezilungileyo zika Thixo kwindalo yonke zinegama. Iindaba ezilungileyo zingumntu ophilayo, hayi umsebenzi nje okanye uluvo nje. Igama lendaba ezilungileyo ngu Yesu. Njengoko uBawo emthumile, naye uyasithuma ukuba siye kulo lonke ihlabathi sivakalise iindaba ezilungileyo. Unguye umyalezo nguye onikeza Amandla kumsebenzi wokuthunywa.

UPapa kumyalezo wonyaka wecawe yokuthunywa uyasicebisa ukuba singemi emva kweencango zecawe ezivalekileyo. Vula iingcango, utsho uPapa niphume nithethe ngendaba ezilungileyo ezingu Yesu ophilayo. Kuba umamkele kwi Yukhariste kwaye uphila kuwe. Xa uphila ubomi ubungumzekelo nothando, ukwathethat kuwe.

Kuba nguye ngobuqu umyalezo hayi uluvo nje, uyathandeka lomyalezo kwaye wathandeka ebomini buka Fransisi ongcwele waza washmayela hayi kubantu kuphela kodwa nakwintaka nezilwanyana ezahlala zamphulaphula.

Ukuphuma sivakalise indaba ezilungileyo kuthetha ukuba asikwazi ukuvala iingcango zamabandla ethu kwamanye amabandla noluntu ngokubanzi, asikwazi ukujonga iimfuno zethu kuphela qha. Ukuba ngumzimba ophilayo ka Kristu kuthetha ukuba banye namanye amabandla aKatolike asetalatweni esinye nathi okanye ameleneyo nathi. Ngaphandleni kubudlalwane, sibeka ubuKatolike bethu ebungciphekweni

Namhlanje sinekoleki ekhathekileyo yesibini. Njengesiqhelo sikoleka njenganabandla siyise ku Papa xa idityaniswe yonke njengesipho esivela kwi Dayosisi yethu

Iqumrhu lothunyo lika Papa(Pontifical Mission Soceity) liye liyithumele kumazwe apho kukho imfuno zalo mali. Enkosi kakhulu kuba ayolonyaka uphelileyo ibe ngama R20.000

Khumbula, uThixo uyamthanda umntu onikezela ngesisa, onganikezeli ngeponti, okanye ngenqgekembe yegolide, kodwa onikezela ngesiqu sakhe siphela ukuvakalisa iindaba ezilungileyo njengoko uMariya wenjenjalo ngukuba ngu Mama ka Yesu iNkosi yethu

Kakade sinekezela kuThixo oko kuvela kwakuye, iziqu zethu Mariya mama wovangelo sithandezele

Hambani ke ninoncuthu lwendaba okumele nizivakalise

Owenu

✠ **Francisco de Gouveia**
Bishop wase Oudtshoorn